



ethnikids
made for me

U-OZZY USINDISA INTLANZI

IBHALWE
MICHELLE LINDE


IZOTYWE
ELLEN HEYDENRYCH



Le ncwadi ishicilelwe ngabakwa-Ethnikids (Pty) Ltd,
beyishicilelela abakwaWimpy ngonyaka wama-2024.
Ibhalwe nguMichelle Linde ngonyaka wama-2024.
Umzobi nguEllen Heydenrych wama-2024.
Iguqulelwe esiXhoseni nguMadoda Ndlakuse.

Onke amalungelo okusebenzisa le ncwadi agciniwe. Awuvumelekanga ngokomthetho
ukushicilela ngokutsha okanye ukuguqula nayiphi na inxalenye yale ncwadi
nangaluphina uhlobo ngaphandle kwemvume ebhaliweyo evela kwaWimpy.


I-Ethnikids Publishers lisebe lakwa-Ethnikids (PTY) Ltd.



Kudala-dala kwidolophu engaphantsi kolwandle,
kwakuhlala isidalwa,
esasingaqhelekanga ngeyona ndlela.

Sasinemilenze emibini, iingalo
ezintandathu, kunye neentliziyo ezintathu
esifubeni saso,
ukudibana naloo mmangaliso,
kwakunokushiya nabanina ebambe
ongezantsi.





U-Ozzy ingwane wayenoloyiko,
ethule ibe enazo neentloni,
engenawo tu umdla
wokwenza abahlobo
nabo babedlula kuye.

Esebenzisa eso sakhono sakhe sahlukileyo
sokutshintsha indlela amile ngayo kwanombala
wakhe, kwakulula kuye ukuba
azimele angabonakali.



I-cephalopod inegazi eliluhlaza okwesibhakabhaka, umzimba onengqondo, yaye ukrelekrele ngeyona ndlela, kodwa u-Ozzy akazange nakanye afune ukuphuma ayokudlala de izinto zatshintsha ngolunye usuku...

Amaza akhukulisela esinye isidalwa esisuka ngaphandle kwedolophu,
sasinganyabanga, sikhwaza, sidlamkile sinayo nendawo ehlekisayo.

Indlela esasijongeka ngayo esi sidalwa yayahluke ngeyona
ndlela sikhawuleza ngesantya esiphezulu ibe sisihle
Ibe sinomzimba omncinci.





U-Peewee Prawnson yayiligama laso
ibe ukwenza abahlobo abatsha yayiyeyona
nto siyithanda egazini.

Wayenamehlo alungele ukukhangela,
neeseti zemilenze yaso emihlanu,
wasondela kufutshane,
ekulangazelela ngokwenene,
ukuzifumanela abahlobo abatsha.

Wayekuthanda kakhulu ukudlala
enothando futhi engalibazisi,
U-Peewee wasondela ku-Ozzy ngendlela enobuhlobo.


“Singaba ngabahlobo?” wabuza evuya, kodwa u-Ozzy
wasuka wanesikrokro.

“Nceda yahlukana nam!”

u-Peewee wazingisa, engatyhafiswa loloqhankqalazo lwakhe
kuba ekholelwa ukuba u-Ozzy wayelungile ngaphakathi ezantsi
entliziyweni yakhe.

U- Peewee wajikeleza equbha egcobile,
esenza abahlobo nabaninzi
kuloo ndawo yayinamanzi anzulu.


U-Ozzy nezompondo zakhe zifana nomqolo ojiko-jiko
wafikelela kwisigqibo sokuba akadingi bahlobo
ngoko wazifihla phantsi kwelitye.




Emva kwaloo mini kwalandela
ubusuku obuthe cwaka nobumnyama.

Nanjengoko umntu ontywilayo
wayebonakala ngokucacileyo.

Babengazi nokuba wayelutshaba na,
oluzama ukubambisa u-Peewee nabahlobo bakhe
nanjengoko wayebabambise emnatheni wakhe.






u-Peewee wakhwaza ecela uncedo

**“NGUBANI ONOKUSISINDISA KOBU
BUGXWAYIBA?”**

Evele kwindawo ebezimele kuyo u-Ozzy,
walubona uloyiko lubhaliwe ebusweni
bentlanzi nganye.

Wayeyazi kakuhle into eyayizakulandela.
Ukhumbula into eyenzeka ngaphambili
xa wayejongene nobuso bomlobi.





Wayengakwazi ukuba ayeke le nto yenzeke!
Babeludinga uncedo lwakhe.
Impondo ezisibhozo zikaOzzy zaya zisondela,
ezolile engoyiki,
wawubamba ngamandla umnatha,
kodwa umlobi waxhathisa,
elungele ukulwa.

Ngoko ke, u-Ozzy wathulula
i-inki yakhe ekhethekileyo
ebhida umlobi emenza aqhwanyaze.




Umnatha waphuncuka
zaza zakhululeka zonke izidalwa zaselwandle!
u-Peewee nabahlobo bakhe bantywila babuyela
elwandle.

Kwathi xibilili ku-Peewee
yaye wayexhumaxhuma Luvuyo,
esithi, “u-Ozzy usisindisile!
Lixesha lokubhiyoza!”



Ngeli xesha iintloni zaphela tu, u-Ozzy wayenebhongo ngesenzo sakhe sobugorha, iintliziyo zakhe zontathu zazincumile. Ngokwenene ngesi sihlandlo wayeziva egqwesile. Enovuyo olutsha, u-Ozzy waphefumlela phezulu. Wafikelela kwisigqibo sokuba akhe ayizame lento yobu buhlobo. Ukususela loo mini ukuya phambili, ubomi buka-Ozzy abuzange buphinde bufane nakuqala, ukudlala undize kwaba ngowona mdlalo awuthanda kunene. ...ibe uPeewee, wazaliswa luvuyo lokwazi ukuba iingwane yayingabahlobo abakhethekileyo.



Kulwandleni olufudumeleyo lweIndiya
apho kwenzeka khona imimangaliso,
ububele kunye
nobuhlobo
zezona zinto zinexabiso ngaphezu kwegolide.



ISIPHELO

